URHULUMENTE WASENTSHONA KOLONI
UYAKUXHASA UKULIMA

YIBA NOLWAZI
MASILAKHE NGCONO SIKUNYE
IPHONDO LETHU

URhulumente weNtshona Koloni
EzoLimo

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

IINKONZO ZOQOQOSHO KWEZOLIMO

Ukukhuselwa kwezoqoqosho kwicandelo lezolimo eNtshona Koloni yinto ekungafuneki siyithathe lula, kodwa kufuneka kukhathalelwe kwaye kutyalwe. Kummandla okhuphisana ngamandla kuzwelonke onezinto ezikhethwa ngabathengi ezitshintsha ngokukhawuleza nommandla wezentengiso, iinkonzo zale Nkqubo zibonelela ngenkxaso yolu khuseleko. Iinkonzo zibonelelwa ngokwamacandelo alo amane umz., ezeNtengiso nezoShishino kwezoLimo, EzoQoqosho kwiMveliso, EzoBalo noQoqosho oluNcinci nolweziBonelelo.

EZENTENGISO NEZOSHISHINO KWEZOLIMO

Ukufikelela kwiimarike nakwiinkcukacha, ukuthatha inxaxheba ngendlela enobulungisa, ukugcinwa nokumiswa ngenye indlela zibe ziimarike ezizinzileyo zezinye izinto ezixhalabisayo ezibalulekileyo elijonge ukuziqwalasela eli candelo. Oko kujoliswe kuko akuthanga ngqo malunga nokuchongwa kwamathuba ezemarike nobungozi obunokubakho ngokophando, ukulungiswa kweenkcukacha zilungele ukusasazwa ngokufakwa ezintweni zilungele ukusasazwa ngeendlela ezifanelekileyo. Ngelixa uphando olwenziweyo luqwalasela kwiimarike zemveli, kukwakho uphando olwenziweyo ngokwahlulwa kwemveliso namashishini adinga ukuphuhliswa asetyenziswe. Ukujongana nokufikelela kwiimarike ukuqinisekisa ukusetyenziswa kwamathuba achongiweyo kwiimarike zeli nezamanye amazwe yenye yeenkonzo ezibonelelwayo. Icandelo lijolise ekuphuculeni amandla othethathethwano kwamafama, kusabelwana ngobuchwephesha kusengelwa thungeni linye malunga nezibonelelo ngokujongana nokuphuhliswa kwentsebenziswano. Icandelo likwaphumeza inkxaso kwishishini lezolimo ngokufakwa kwexabiso, ukubonelelwa kweenkonzo zeengcebiso ukuvula amathuba abonelelwa yi-AgriBEE Charter, ukujongana nentsebenziswano nokufunyanwa kwenkxaso-mali ukwandisa utyalo-mali kweli candelo.

UQOQOSHO KWIMVELISO

Ngotshintsho lobume bokhuphiswano kwezemisebenzi kwezomhlaba nakwimali ukuya kwiinkcukacha nakulwazo, iingcambu zokhuphiswano lukazwelonke kwezolimo zixhomekeke kwiinkqubo zezolimo nakwizenzo zolawulo lweefama. Icandelo liphanda lihlahlele ukhuphiswano kwiinkqubo zokulima ekuhlaleni nezenzo zolawulo malunga nezona zenzo zilungileyo kuzwelonke. Iziphumo zezi zenzo zisekucebiseni nasekusasazeni konke kubo bonke abafumana iinkonzo. Kufuneka kugxininiswe kwiingcebiso ekugcinweni kweengxelo zemali, ekwenziweni nasekuvavanyweni kwezicwangciso zezoshishino nasekujonganeni nenye inkxaso-mali.

UBALO

Ukuze kuhlolwe umzila nokwenziwa kwezigqibo ezizizo kuwo onke amanqanaba okuba noxanduva (ngaphakathi nangaphandle kwiSebe) iinkcukacha nobalo olululo noluthembekileyo lubalulekile. Lulandela ukubaluleka kokwenziwa kovimba weenkcukacha obanzi ukuze kuhlolwe imizila ethile kwicandelo lezolimo. Icandelo loBalo lunovimba weenkcukacha ukususela kumaxabiso oshishino ukuya kumaxabiso omhlaba, amaxabiso eentlobo zemidlalo neenkcukacha zemisebenzi emininzi. Iinkcukacha zisoloko zifumaneka kwabo bafumana iinkonzo kuthi. Iinkcukacha zabafumana iinkonzo kudingeka zidlale indima ebalulekileyo ekwenziweni kovimba omtsha weenkcukacha. Iinkcukacha zisoloko zihlelwa zilungiselelwe ukusasazwa kumaqonga ohlukeneyo.

UQOQOSHO OLUNCINCI NOLWEZIBONELELO

Umzila neenkcukacha azanelanga ukuqinisekisa izigqibo ezivakalayo, kodwa ziyimfuneko ukwenza izinto ezibalulekileyo nokuvavanya igalelo loku kuqoqosho kwezolimo eNtshona Koloni. Njengoko imifuziselo yemathematika kunye/okanye neyezekhompyutha imele ubunyani "inokutshintshwa" phantsi kolawulo lweemeko ukuze kuvavanywe igalelo leemeko ezithile. Noxa kunjalo, imifuziselo imele kwaye yenza lula oko kuyinyani. Iindawo ezahlukeneyo ezinengxaki enye zidinga ukuphuhliswa. Injongo yeli candelo kukuphuhliswa nokusetyenziswa kwecandelo elifanelekileyo nemifuziselo yamacandelo amaninzi ukuvavanya iimpembelelo zemiqathango yokusingqongileyo nezemigaqo-nkqubo kweli lizwe nakwamanye amazwe kwicandelo lezolimo nelezoqoqosho kwiPhondo. Kufuneka kwakho kugxininiswe kuphando loqoqosho kwizibonelelo ukukhuthaza ukuba zisetyenziswe ngendlela ezinzileyo ngokomba wokutshintsha kwemozulu (ukuvavanywa nokulawulwa kwezibonelelo zendalo, izibonelelo ezihlaziyiweyo njengenye into enokukhethwa; ukwabiwa kwamanzi nolawulo, ezolimo nokusingqongileyo).

UKUQUQUZELELWA KOPHUHLISO EMAPHANDLENI

Le nkqubo ibonelela ngezi nkonzo zilandelayo nenkxaso:

- Ukujongana nokuphumeza iNkqubo yoPhuhliso oluBanzi lwasemaphandleni kwiSizwe kwiindawo ezili-15 ezisemaphandleni eNtshona Koloni ngo-2010 ukuya ku-2014 ukwandisa amathuba okuhluma nawophuhliso.
- Ukukhuthaza ubume neemeko zentlalo nezoqoqosho kubasebenzi basezifama neentsapho zabo ngokubabonelela ngezakhono zobomi ukuphucula ubomi babo.

ISICWANGCISO SOPHUHLISO

Iindawo ezili-15 ezisemaphandleni ezikhethiweyo ukuze ziphuhliswe zibandakanya:

[1] iCeres, [2] iDysselsdorp, [3] i-Ebenhaeser – iLutzville-West – iPapendorp – iStrandfontein – iDoringbaai, [4] i-Elandsbaai, [5] iKnysna, [6] iLeeu-Gamka – iMerweville, [7] iMalmesbury, [8] iMamre – i-Atlantis – iPella, [9] iMatjiesfontein, [10] iMossel Bay, [11] iMurraysburg, [12] iNew Horizons, [13] iStruisbaai, [14] iSuurbraak, kunye [15] neVilliersdorp

Inkqutyana inoluxanduva lulandelayo:

- Ukujongana nolungelelwaniso lwamasebe ephondo nabasemagunyeni ekuhlaleni ukuze kunikezelwe ngeenkonzo ngendlela ehlangeneyo ngokusekwa kweeKomiti eziqhuba umsebenzi kumasebe asebenzisanayo (ISC);
- Ukumiselwa kwemibutho ekuhlaleni ngokusekwa kwamaBhunga abachaphazelekayo (CoSs) ukuxhobisa uluntu ukuze luchonge kwaye luphumeze iiprojekthi ezintsha ekuhlaleni; ukubeka phambili ukuphunyezwa kweeprojekthi zoqoqosho,

- Ukuphuhliswa kwentlalo neziseko ezingundoqo kusetyenziswana namacandelo abucala nakarhulumente ukujongana neemfuno eziphambili zasemaphandleni ukuze kuhlume uqoqosho;
- Ukuphuhliswa kwezakhono/uqeqesho kwabo bangasebenziyo,
- Nokudalwa kwemisebenzi ezinzileyo.

UKUPHUHLISWA KOMSEBENZI WASEFAMA

linkonzo eziphambili nenkxaso ukuphucula umgangatho wobomi babasebenzi basezifama neentsapho zabo kubandakanywa:

- Ukujongana namalungiselelo amaphulo okwaziswa koluntu;
- Ukujongana nophuhliso lwezakhono namathuba oqeqesho kubasebenzi basezifama, iintsapho zabo noluntu lweendawo zabasebenzi basezifama;
- Ukuququzelela ukubandakanyeka kwamasebe karhulumente ohlukeneyo ekuphuhliseni abasebenzi basezifama neentsapho zabo
- Nokubanjwa koKhuphiswano loNyaka lwePhondo lwabasebenzi basezifama.

IMFUNDO NOQEQESHO OLUCWANGCISIWEYO LWEZOLIMO

IZIKO LOQEQESHO LEZOLIMO LASE-ELSENBURG

Iziko loQeqesho lezoLimo lase-Elsenburg lasekwa ngo-1898 kwaye liziko lokuqala loqeqesho lezolimo e-Africa. KuMzantsi Afrika, iKholeji lineengxelo ezaziwa kakhulu kwezolimo, ingakumbi kummandla woqeqesho lwezolimo.

Ngoku, inkqubo yoqeqesho ibonelelwa kumgangatho weMfundo ePhakamileyo noQeqesho (HET) nakwiMfundo eqhubekayo noQeqesho (FET). Ezi ziqinisekiso zilandelayo zingafumaneka:

- ISIDANGA SEB.AGRIC (iminyaka emi-3)
- ISETIFIKETI ESIPHEZULU KWEZOLIMO (iminyaka emi-2)
- IDIPLOMA KWEZOLIMO (iminyaka emi-3)
- IZIFUNDO EZIFUTSHANE (kumgangatho woku-1 ukuya kowesi-4 weNQF)
- IILEARNERSHIP (unyaka)

Olu qeqesho luchazwe ngentla lubhekisele kushishino kwezolimo neemfuno, kuqwalaselwa ngakumbi kummandla wolimo nezityalo nezilwanyana neendawo eziphila kuzo eNtshona Koloni.

Izifundo eziphambili zesidanga seB.Agric zezi: Ulwazi lwezoMhlaba nezamadlelo, iMveliso yezinto ezinkulu nezincinci, iPomology, iMveliso yeMifuno, iViticulture, iNzululwazi ngezeWayini, ezoKhenketho kwezoLimo. Ungakhetha izifundo zibe zibini kwezi ekufuneka zenziwe njengezifundo eziphambili, zongezwe zezinye izifundo ezichaziweyo ezinyanzelekileyo.

ISetifiketi esikumgangatho oPhezulu sezoLimo sisifundo seminyaka emibini esigqwesa kwinkqubo enye okanye kwezimbini: ezifana neB.Agric ngaphandle kweeNzululwazi yeWayini.

Injongo kukugcina umlinganiselo osempilweni phakathi kwengcingane nezenzo ekwenziweni kwefilosofi “Yoqeqesho ngokwenza” ngumba ophambili kwezi seshoni. Intsebenziswano esondeleleneyo nabaphandi kwicala leSebe lezoLimo namafama ashishinayo yinkxaso eyodwa ekukhuthazeni umgangatho woqeqesho.

IDIPLOMA KWEZOLIMO: Ubuchwephesha kwiisela

Uqeqesho kubuchwephesha beesela lwaziwa kakhulu, ngumyinge wama-85% wabenzi bewayini eNtshona Koloni abafumene iziqinisekiso zemfundo e-Elsenburg. Uqeqesho ngokwenza umsebenzi olubonelelwayo zizifundo ezizodwa kwaye abafundi balishiya eli ziko beziingcaphephe begqwesa ukwenza iiwayini benobugcisa ekuthengiseni.

Le yinkqubo ejolise ukuqeqesha abagqatswa njengabenzi bewayini.

OKUFUNEKAYO UKUZE UTHATHWE SISETIFIKETI ESIPHEZULU NESIFUNDO ESIPHAMBILI SE-OENOLOGY.

IDIPLOMA KWEZOLIMO: Eyandisiweyo

Le yimodyuli yonyaka omnye yenkqubo yoqeqesho ukuze ufumane amava, kujongwana nemiba eyahlukeneyo yeNzululwazi eyandisiweyo.

IDIPLOMA YEZOLIMO: Imifuno noLwazi ngomhlaba

Le yimodyuli yonyaka omnye yenkqubo yoqeqesho ukuze ufumane amava, kujongwana neMveliso, uLawulo kwezoLimo noLawulo lweziBonelelo zeNdalo.

UKUZE WAMKELWE KWEZI DIPLOMA ZINGENTLA KUFUNEKA ISIQINISEKISO ESIPHEZULU.

IDIPLOMA KWEZOLIMO: Izifundo ngamahashe

Izifundo zeSizwe zeminyaka emibini zokuFundisa abaKhweli bamahashe (ngokusigxina) noqeqesho olungekho sigxina lokujongana namahashe nokukhwelwa kwamahashe nazo zikhona.

OKUFUNEKAYO UKUZE WAMKELWE SISIQINISEKISO SOKUPASA IMATRIKI UNEMATHEMATIKA.

ILEARNERSHIP: Igalelo leFET

Iilearnership zilungiselelwe ngenkqubo yemfundo ebhekisele kwiziphumo ezithile ngokwenqanaba leNQF yenkqubo yokufunda. Iilearnership zibonelelwa ngokwenqanaba loku-1 ukuya kwelesi-4 leNQF, ezibhaliswe yiAgriSETA zavunywa yiSAQA.

IZIFUNDO EZIFUTSHANE

Iziko loQeqesho lezoLimo elise-Elsenburg likwabonelela ngezifundo ezifutshane kubasebenzi basezifama, kumafama ashishinayo nanezibonelelo angathathi ntweni kunye nabaxhamli benkqubo yokuvuselelwa komhlaba kwisizwe. Zingaphezu kwama-35 izifundo ezahlukeneyo ezifutshane ezinikezelwa kwiifama, kwiindawo ezisemaphandleni, kwiikhampasi zoqeqesho lweFE ezise-Elsenburg, e-Outeniqua, e-Oudtshoorn, eBredasdorp naseClanwilliam.

Ukuba umqeshi unqwenela ukuqeqesha abasebenzi bakhe kumasimi okanye kwimidiliya yakhe, kusetyenziswa izixhobo zakhe, kunokwenziwa amalungiselelo ngoku. Ezi zifundo zexesha elifutshane ziquka imimandla eyahlukeneyo ebanzi yokufunda, kubandakanywa uNkcenkceshelo, ukuLungiswa kweeTeletele, i-AVCASA (inoxanduva lokujongana namachiza ezolimo), ezeNtengiso, uLawulo lweMali neMveliso yeMifuno njlnjl.

Ezi zifundo zexesha elifutshane ziqwalasela ekusebenzeni, zixhaswa yimithetho-siseko efanelekileyo yengcingane. Xa zigqityiwe, abafundi bazakuba nezakhono eziyimfuneko ukumelana neemfuno zomsebenzi.

IINKONZO ZOPHANDO NOKUPHUHLISWA KWETEKNOLOJI

Ukuze kuhanjelwane nophuhliso lweteknoloji kwezolimo nokuqinisekisa ukuba bonke abanendima abayidlalayo kwezolimo eNtshona Koloni babonelelwa ngenzululwazi eyona iphambili neengcebiso zezobugcisa, iSebe libonelela ngophando oluhambelana nexesha nolufanelekileyo neenkonzo zophuhliso lweteknoloji kwizithili ezintandathu eziseNtshona Koloni. Okona kubalulekileyo kukuguqula uphando lube ziinkcukacha – oku kuthetha ukuba iinkcukacha zenzululwazi kufuneka zifikelele kumafama ashishinayo namancinci kumgangatho wokulima, amafama ethu esenziwa ukuba azinze ngakumbi kwaye akwazi ukukhuphisana kwiimarike zasekuhlaleni, kwisizwe nakwamanye amazwe.

Kuba uphuhliso loshishino lubeka uxinezelelo olukhulu kwizibonelelo zethu zendalo, oosonzululwazi ngezibonelelo zeSebe neziko leenkcukacha zobume bendawo lidlala indima ebalulekileyo ukuqinisekisa ngokusetyenziswa kakuhle kwezibonelelo zethu ezinqongopheleyo, umhlaba, amanzi nezityalo zendalo, ngelixa izenzo zezolimo esizisebenzisayo nophando luqwalasela ekusetyenzisweni kakuhle kwezibonelelo. Ukuchongwa nokubekwa phambili kweemfuno zezona zinto zibalulekileyo, ngelixa uthungelwano namanye amaqela emibutho yoshishino iqhubeka ukuwomeleza nokuyandisa.

INkqubo yenziwe yayinkqutyana yoPhando, yeeNkonzo zokugqithiselwa kobuchwephesha neeNkonzo zeNkxaso kwiziseko ezingundoqo kwaye lisebenza njengeCandelo leeNzululwazi ngezilwanyana, iiNzululwazi ngezityalo neeNkonzo zeNkxaso kuPhando. Okokugqibela iCandelo libandakanya amacandelwana neeNkonzo zoHlahlelo neeNkonzo zamafama.

Abajongene nophando kwiSebe baqalisa kumaCandelo eNzululwazi yezilwanyana neNzululwazi yezityalo, kukho nekomitana yophando kwiCandelo leeNkonzo zeNkxaso kuPhando. INkqubo ezisixhenxe zophando zineelebhu ezivulelekileyo zokuxhasa iinzame zethu kwizithili eziseNtshona Koloni.

INZULULWAZI NGEZEZILWANYANA

ICandelo leeNzululwazi ngezilwanyana libonelela ngeenkonzo zenzululwazi ngezilwanyana eziya kwabemveliso neziqwalasela uphando lokwetyisa nezinto zaselwandle kubandakanywa ukufuya, ukuzala, ukutyisa nolawulo. Amaziko ophando olunzima akwabandakanya iilebhu zokutyisa, ngelixa iZiko lingumnini wemihlambi ebalulekileyo kwisizwe nto leyo ebalulekileyo kwiinzame zophando.

Ubusazi ukuba iCandelo leNzululwazi lezilwanyana

- Lenza uphando kwiinkqubo zokondla, zokufuya nokulawulwa kweenkonzo zederi, iigusha, iinciniba nezaselwandle?
- Liqwalasela kuphando lwayo ekuphuculeni ukwanela kwemveliso phantsi kwemimandla eyahlukeneyo?
- Lineqela namaziko ophando lweenciniba adume kuzwelonke?
- Linamaziko ophando amabini ederi e-Outeniqua nase-Elsenburg?
- Liqalisa ngeeprojekthi eNortier, eLanggewens, e-Elsenburg, eTygerhoek, e-Oudsthoorn nase-Outeniqua nakwiifama ezahlukeneyo zemveliso?
- Lisebenzisana namaziko ohlukeneyo emfundo ephakamileyo ekuhlaleni, kwisizwe nakwamanye amazwe kwiinkqubo ezahlukeneyo zophando neeprojekthi?

INZULULWAZI KWEZEZITYALO

ICandelo leeNzululwazi ngezityalo liqwalasela kwimiba yoqoqosho oluzinzileyo kwezolimo, imifuno, umhlaba ekudutyulwa kuwo neenkqubo zemveliso yamadlelo, esinye isivuno, ukukhuselwa kwesivuno kwiindawo zeenzululwazi ngokhula, inzululwazi ngezifo zezityalo nokufunda ngezinambuzane, kunye nonxulumano lomhlaba nezityalo.

Ubusazi ukuba iCandelo leNzululwazi lwezityalo

- Lenza uphando kwizenzo zokulondolozwa kwezolimo kwiinkqubo ezijongene neenkozo neenkqubo zamadlelo ederi?
- Liqela ekuphela kwalo eliphanda ngamadlelo ezederi eMzantsi Afrika linxulumanisa ulawulo lomhlaba wezebhayaloji nemveliso yobisi, umgangatho nomohluko ocacileyo wamaxabiso abavelisi?
- Liqhubela phambili uphando lomhlaba webhayaloji kumadlelo aseMazantsi eKapa?
- Lenza iinkqubo zophando kumandlelo endalo nakulawulo lwamadlelo, imveliso yeembewu yeli kwiindawo ezingenamvula yaneleyo, inzululwazi ngeenkozo, izifundo ngezinambuzane, ukufunda ngezifo zezityalo, ukuvavanywa kolimo, imifuno nesinye isivuno?
- Lineenkonzo zokuxilonga izifo zezityalo?
- Liqalisa ngophando kwiifama zophando eNortier, eLanggewens, eWorcester, e-Elsenburg, eTygerhoek nase-Outeniqua?
- Linezindlu zeglasi, iilebhu, iimveliso ezimbini zembewu eziseWorcester ngaseLamberts Bay, ziphumeza kwaye zinezixhobo zokulingwa kwamadlelo?
- Liseke ukulingwa kophando olukhulu lweendawo ezimbini kwiifama zabucala eMzantsi eKapa, ngoku ezingumbindi wophando eNtshona Koloni kummandla weenkqubo zemveliso yeenkozo?
- Lisebenzisana namaziko amaninzi emfundo ephakamileyo eNtshona Koloni nakwamanye amaphondo, i-ARC neminye imibutho eyahlukeneyo yoshishino?

IINKONZO ZENKXASO KUPHANDO

ICandelo leeNkonzo zeNkxaso kuPhando libonelela ngeenkonzo zenkxaso kwiqela lethu lophando nabachaphazelekayo abangaphandle. Iilebhu ezihlahlela umhlaba, amanzi nezityalo zibonelela ngeenkonzo ezibalulekileyo koosonzululwazi nakubavelisi baseNtshona Koloni. Likwabonelela ngenzululwazi ngezomhlaba, ezemozulu (ulawulo lobungozi obunokubakho namandla ayo), uqikelelo lwesivuno neenkonzo zokuhlahlelwa kwendawo (GIS) kuluhlu lwabo bafumana iinkonzo. ICandelo likwabandakanya iinkonzo zenkxaso kwiziseko ezingundoqo (iinkonzo zasezifama) kwiifama zethu zophando eziseNortier (ngaseLamberts Bay), eLanggewens (ngaseMoorreesburg), e-Elsenburg, eWorcester (amadlelo), eTygerhoek (ngaseRiviersonderend), e-Outeniqua (ngaseGeorge) nase-Oudtshoorn likwasebenza njengeelebhu ezivulelekileyo apho iiprojekthi zophando ezibalulekileyo kuloo mimandla, ziyenziwa. Iiprojekthi nezinto ezilingwayo zisoloko zityelelwa ngabavelisi nabanye abanendima abayidlalayo kule mimandla. Iifama zethu zisebenza njengeendawo zophando zamaziko emfundo ephakamileyo, kweli lizwe naphesheya, nakumaziko e-ARC.

Ubusazi ukuba iCandelo leeNkonzo zeNkxaso kuPhando

- Lenza uphando nakwiinkqubo zokuhlahlelwa kwendawo (GIS), ulawulo lobungozi obunokubakho namandla abo nolawulo lolwazi?
- Lenza uphando ngokutshintsha kwemozulu neempembelelo zalo kwishishini lokuvuna eNtshona Koloni?
- Linobugcisa obubanzi kwiGIS, iziseko ezingundoqo nezixhobo kwaye libonelela ngezixhobo zokwenziwa kwezigqibo kwabo bafumana iinkonzo abangaphakathi nabangaphandle?
- Lidlala indima ebalulekileyo ngokwamalungiselelo eenkcukacha malunga noqikelelo lwesivuno nobume bezolimo eNtshona Koloni?
- Linceda abantu abaninzi kwiphondo nakwisizwe, kubandakanywa ishishini lezolimo, abanye abachaphazelekayo namafama, kunye neGIS neenkonzo zokufundisa?

UKUNIKEZELWA KWEENKCUKACHA

Iinkcukacha eziphuma kuphando zisasazwa kubavelisi ngokobuchwephesha obusebenzayo, obuqwalasela kwingxaki nobukwazi ukusebenziseka. Oku kubandakanya ukutyelelwa nokunxibelelana neefama, izifundo ezenziwayo, amaphepha ezenzululwazi nawaziwayo, ukunikezelwa kolwazi kumajelo osasazo nezinye iindlela zokuqqithisela ubuchwephesha. Iintsuku ezininzi zamafama nezinika ulwazi zibanjwa rhoqo ngonyaka zazise ngobuchwephesha obutsha kumgangatho wezithili nowamafama. ISebe likwaqhayisa ngezinto zalo ezipapashiweyo ezaziwayo “Agriprobe” – epapashwa rhoqo ngekota enamanqaku anika umdla ngophando neminye imiba. I-“Elsenburg Joernaal” yinxalenye yolu papasho lwaziwayo.

INKXASO NOKUPHUHLISWA KWAMAFAMA

Inkxaso yamaFama neNkqubo yoPhuhliso (FSD) iquka umba obanzi wophuhliso weSebe lezoLimo, nto leyo ethetha ukuba ukuyilwa nokuphunyezwa kwalo mba kujoliswe ngakumbi ekuxhaseni amafama amnyama kwiPhondo leNtshona Koloni, kodwa alikhutshelwa ngaphandle icandelo lezoshishino.

Le nkqubo ijolise ekunikezeleni ngamalungiselelo okwandisa, okuxhasa nokujongana noqeqesho lwamafama, kugxininiswa ekuphuhlisweni kwamafama amancinci, kuphunyezwa inkqubo yokuvuselelwa komhlaba neeprojekthi zokuphuhlisa ezolimo emaphandleni.

SIBONELELA NGEZI NKONZO ZILANDELAYO NENKXASO

- Ukuqinisekisa ngeendlela zenkxaso ezizinzileyo kumafama amatsha nazinzileyo (kubandakanywa nabaxhamla kuvuselelo lomhlaba);
- Ukuthelekisa iimpembelelo zongenelelo njengoko zinikezelwa kwiNkqubo;
- Ukulawula utyalo-mali olusuka kumacandelo abucala nakumaqela eenkonzo;
- Ukuqinisekisa ngomgangatho nemigangatho elindelekileyo yeenkonzo neengcebiso ezinikwa amafama;
- Ukuqinisekisa ukuba sincedisa oomasipala namanye amasebe karhulumente ngokuphunyezwa kweegadi zoluntu nezamakhaya.

INJONGO ECWANGCISIWEYO

UKUHLALISWA KWAMAFAMA NOPHUHLISO: Ukuxhasa iiprojekthi zokuzinziswa komhlaba nezokuvuselwa kwezo zinxulumene nomhlaba ngokubonelelwa kweenkonzo zenkxaso nezokucwangciswa kokuhlaliswa kwabo.

IINKONZO EZANDISIWEYO NEZEENGCEBISO: Ukuxhasa amafama ukwandisa imveliso yeemarike ngokubonelela ngeenkonzo ezandisiweyo nezeengcebiso; ukujongana noqeqesho lwamafama kwezoshishino; ukuququzelela iiprojekthi zokulima emaphandleni nokujongana nophuhliso kwisebe nokuxhotyiswa kwamaqela amafama.

UKUFUMANEKA KOKUTYA: Ukujongana nokufumaneka kweentlobo zokutya nokufikelelekayo ngokuququzelelwa nokuphunyezwa kweeprojekthi zokufumaneka kokutya kumakhaya nasekuhlaleni njengoko kuchaziwe kwavunywa kwisiCwangciso esiHlangeneyo sokufumaneka kokutya saseMzantsi Afrika.

I-CASIDRA: Ixhasa iSebe ngokuphunyezwa kweeprojekthi nokulawulwa kweefama zikarhulumente.

ULAWULO LWEZIBONELELO OLUZINZILEYO

Injongo yale Nkqubo kukubonelela ngezisombululo neendlela zolawulo lwezibonelelo oluzinzileyo ngokubonelela ngezobunjineli kwezolimo neenkonzo zokuKhathalelwa komhlaba, unxibelelwano kwangethuba, ukujongana nokuphunyezwa kweeprojekthi nokugqithiselwa kobugcisa kwabo bafumana iinkonzo zethu nabo sisebenzisana nabo.

INkqubo ikwanoxanduva lokuphumeza nokulawula isikimu soncedo lweentlekele nokunikezela ngezimvo kwizicelo zokwahlulwa kunye/okanye nokucandwa kwemihlaba yezolimo.

INkqubo yenziwe yaba neenkqutyana ezine:

- IiNkonzo zezobuNjineli
- Ukukhathalelwa koMhlaba
- UkuLawulwa kokuSetyenziswa koMhlaba
- UkuLawulwa koMngcipheko weeNtlekele

IINKONZO ZEZOBUNJINELI

UKUNKCENKCESHELA

Icandelo lokunkcenkceshela linoxanduva lokuphucula ukusetyenziswa kakuhle kwamanzi okunkcenkceshela. Oku kubandakanya ukuvavanywa kweenkqubo zokunkcenkceshela, ukuvavanywa koyilo namadlelo, nokugqithiselwa kobuchwephesha malunga nemisebenzi emiselweyo neyeenkqubo. Ababoneleli ngeenkonzo kumafama amancinci babandakanya ukuvavanywa kwezibonelelo zamanzi nokuyilwa kweenkqubo zokunkcenkceshela.

UKUXHOBISA NGOOMATSHINI

Icandelo lokuxhotyiswa ngoomatshini libonelela ngenkonzo epheleleyo malunga nokucwangciswa nokusetyenziswa kwezixhobo zoomatshini ekuphunyezweni nakwizixhobo zokulima. Iingcebiso nenkxaso yezobugcisa iyabonelelwa kumafama afuna ukutshintsha kulimo oluqhelekileyo basebenzise eyolondolozo.

UBUME BEEFAMA

Isicwangciso esibanzi neenkonzo zokuyila ziyafumaneka ukulungiselela izindlu kunye namaziko ajongene nokuphathwa kwemfuyo nokujongana nenkunkuma ephuma kula maziko neendawo zabasebenzi. Izicwangciso zokulondolozwa kwamanzi neendawo zabasebenzi basezifama zikhona. Izindlu ezifikelelekayo zezilwanyana zenzelwe amafama amancinci.

UKWENZIWA KOKUTYA NOKWENZIWA UKUBA KUBENEXABISO

Iingcebiso zezobugcisa ziyabonelelwa malunga nokwenziwa kokutya efama nokufakwa kwamaxabiso kwimveliso eyenziwe ngamafama. Oku kubandakanya ukomiswa, ukupholiswa, ukunkonkxwa nezinye iinkqubo zokufakwa kwamaxabiso.

UKULONDOLOZWA KOMHLABA

Iinkonzo ezibonenelelwa kweli candela zibandakanya ukucwangciswa nokuyilwa kwezimo zokulondolozwa komhlaba obandakanyekayo nokukhuselwa kokhukhuliseko.

UKUKHATHALELWA KOMHLABA

Ukulondolozwa kwezibonelelo zendalo eNtshona Koloni kubalulekile kwishishini lezolimo kwaye nakubo bonke abahlali baseNtshona Koloni abaxhomekeke ngqo nangokungathanga ngqo kwezi zibonelelo.

Apha iSebe liqwalasela kule mimandla ilandelayo ukuze lizalisekise umnqophiso walo wokuzama ukwakha, ukugcina nokuphuhlisa izibonelelo zendalo ngokukhuthaza ukulondolozwa ngokufanelekileyo ngabo bonke abasebenzisa umhlaba.

- Iiprojekthi zokulondolozwa kwezibonelelo ngokuCwangciswa kweeFama kucacisa indawo nokwenziwa kokhuseleko, imisebenzi yemisele neyokusetyenziswa kwamadlelo.
- Iiprojekthi zokukhathalelwa koMhlaba, eziqwalasela kuphuhliso lwezibonelelo zendalo kwimimandla ebifudula ihlelelekile.
- Iiprojekthi zokulondolozwa kwezibonelelo kwangaphambili, ezibandakanya iindlela zokuthintela kwangaphambili ukuthotywa kwezibonelelo zendalo, umzekelo ukucetywa kwendawo.

UKULAWULWA KOKUSETYENZISWA KOMHLABA

Ukukhuselwa kwezibonelelo ezimbalwa zezolimo yeyona nto iphambili kwisebe kwaye le nkqutyana ibonelela ngezimvo kuzo zonke izicelo zokwahlula kunye/okanye nokucandwa komhlaba wezolimo.

Ukuhlolwa kokwahlulwa nokucandwa komhlaba wezolimo kubhekisele kwimithetho-siseko yolimo oluzinzileyo, ukuba lwamkelekile ekuhlaleni, lunoqoqosho olufanelekileyo, imeko yezilwanyana neendawo eziphila kuzo ifanelekile, imveliso efanelekileyo nokuzinza kwemeko ixesha elide. Umlinganiselo ofanelekileyo phakathi kwale mithetho-siseko ifanelekile xa kuhlolwa isicelo.

UKULAWULWA KOMNGCIPHEKO WEENTLEKELE

Ukubonelela ngeenkonzo zenkxaso kwabo bafumana iinkonzo malunga nolawulo lweentlekele kwezolimo yeyona nto eqwalaselwa yile nkqutyana. Iinkonzo ezibonele-lwayo zibandakanya ukuthintelwa kobungozi, iinkonzo zokubunciphisa nezokubuyekeza ilahleko emva kweentlekele zendalo.

IINKONZO ZEZILWANYANA

INkonzo yeeNkqubo ezijongene nezilwanyana inoxanduva lokulawula ubungozi obukhoyo kwizilwanyana nokhuseleko lokutya okuphuma kwizilwanyana ngokwemigangatho elindelekileyo yesizwe neyamanye amazwe neengqungquthela zawo. Igunya lezomthetho lokuqalisa le misebenzi ligunyaziswa ngumthetho i-Animal Disease Act, ka-1984 nomthetho iMeat Safety Act, ka-2000. Kuqwalaselwa ngakumbi kubukho jikelele bezifo eziphilayo nezingaphiliyo, ukulawulwa kwezifo nokungenelela ngokuzithintela, nokujongana nokuthunyelwa kwamanye amazwe kwemveliso yezilwanyana nokunikezelwa kweenkonzo zeelebhu zoxilongo.

IMPILO YEZILWANYANA

Uwonke umceli-mngeni wecandelo leMpilo yeziLwanyana kwiiNkonzo zoNyango lwezilwanyana kukujongana ngokupheleleyo neemfuno zabo bandileyo bafumana iinkonzo kubo nokulawula ngempumelelo ubungozi obukhoyo kuzwelonke bubangelwa kukwaziswa nokwanda kwezilwanyana nezifo ezisekutyeni.

Ukuhlolwa kwezifo nokuhlolwa kwemisebenzi kulungelelanisiwe, kwasukwa kuhlolo olwenziwa ngesandla nangumntu kwayiwa kwindlela yezenzululwazi nexhaswa kukusetyenziswa kobuchwephesha obukhawulezayo nobuqinisekiswe ngezobunzululwazi nemigaqo yoxilongo.

Eli candelo linoxanduva lokusebenzisa umthetho i-Animal Diseases Act eNtshona Koloni. Amagosa asebenza ngezilwanyana neengcali zempilo yezilwanyana zikwiindawo ezisi-7 zikaRhulumente ezijongene nezilwanyana ezisasazwe kwiPhondo ukuze kuqaliswe kwaye kwenziwe imisebenzi efunwa ngulo Mthetho.

Ukongeza kolu xanduva lolawulo olungentla, amagosa abandakanyeka ekuncedeni kweli candela lamafama asakhulayo. Oku kuphunyezwa ngokuthi batyelele rhoqo iifama ukuze kuhlolwe imfuyo, kubonelelwe ngoncedo lokunyanga nokugonya izilwanyana, kuqokelelwe iisampuli zokuxilonga kusasazwe neenkcukacha zokuthintela nokunceda impilo yezilwanyana.

UKHUSELEKO LOKUTYA NOKUTHUNYELWA KWAKO KWAMANYE AMAZWE

Icandelo lokhuseleko lokutya nokuThunyelwa kwako kwamanye amazwe linoxanduva lokusebenzisa umthetho iMeat Safety Act. Abasebenza ngezilwanyana kurhulumente nabahloli benyama bahlola baphicothe ukusetyenziswa kwemigaqo yococeko kwizilarha ukuqinisekisa ukuba zihambelana nomthetho iMeat Safety Act. Ulawulo lococeko kwizilarha, ukumiselwa kwenyama nezederi ezithunyelwa kwamanye amazwe; ukumelana nokuphathwa kwezilwanyana eziza kuxhelwa; ukubekwa kwemigangatho elindelekileyo kwizilarha ezitsha nokuhlelwa kwamaziko akhoyo ngumsebenzi obalulekileyo owenziwa ngala magosa.

IILEBHU ZEZILWANYANA

IiLebhu zeziLwanyana kwiPhondo (PVL) eziseStellenbosch zibonelela ngeenkonzo zonyango kwiNkqubo, icandelo labucala lezilwanyana, amanye amacandelo, afana nokuLondolozwa kweNdalo neleMpilo kwiSizwe nezoshishino ezinxulumene noshishino kwezolimo. Iinkonzo ezixilongayo ziyabonelelwa kwezederi, kwinyama yenkonzo, yegusha, yehagu neshishini lamahashe omdyarho, kunye neleenkuku, eleenciniba necandelo lezaselwandle. Iilebhu zezilwanyana ziye zasekwa nakwi-ofisi yezilwanyana karhulumente eseBeaufort West.

Qhagamshelana nathi:
Umnxeba: +27 21 808 5111
Ifeksi: +27 21 808 5000
info@elsenburg.com
www.elsenburg.com
www.westerncape.gov.za
Private Bag X1, Elsenburg, 7607
GPS: 18° 50'05.00"E 33°50'42.93"S

1

UMBONO: ICandelo lezoLimo elibumbeneyo, elikwazi ukusabela kwizidingo nelinempumelelo ngokuhambelana nendalo.

2

UMNQOPHISO: Ukuvulela amandla apheleleyo kwezolimo ukukhuthaza uqoqosho, ubutyebi ngezinto eziphilayo neendawo eziphila kuzo nezentlalo kubo bonke abantu baseNtshona Koloni:

- Ukukhuthaza ukuzibandakanya kwabo bachaphazelekayo
- Ukuxhasa imveliso yokutya, yefibre, nemveliso yezolimo efikelelekayo, enezakha-mzimba, nekhuselekileyo nefumanekayo
- Ukuqinisekisa ukuba kukho ulawulo oluzinzileyo kwizimbiwa
- Ukuphunyezwa kwezinto nophando olufanelekileyo nokuphuhliswa kweteknoloji
- Ukuphuhliswa, ukugcinwa nokuloba abo banezakhono nobudlelwane babasebenzi
- Ukubonelela ngeenkonzo zenkxaso enabileyo kwabo banezakhono nakwiingcaphephe
- Ukuphuculwa kokufikelela kwiimarike zalo lonke icandelo lezolimo
- Ukuba negalelo ekunciphiseni intlupheko nendlala
- Ukuqinisekisa ukuba norhulumente owenza izinto ngokuphandle noluncedo

3

UBUMBANO NGAMANDLA Umsebenzi woRhulumente waseNtshona Koloni kukubonelela ngamathuba. Abemi banoxanduva lokuwasebenzisa.

IINDLELA ZOKUZIPHATHA

1

UKUKHATHALELA

Ukukhathalela abo sibasebenzelayo nabo sisebenza kunye nabo.

2

UKUBANAKO UKUSEBENZA

Ukubanako ukwenza umsebenzi nokubanezakhono zokwenza oko siqeshelwe ukukwenza.

3

UKUTHEMBEKA

Ukunyaniseka nokwenza into ekufanele yenziwe.

4

UKUPHENDULA NGESIKWENZAYO

Siluthathela kuthi uxanduva.

5

UKUSABELA KWIIMFUNO

Ukusebenza ngokweemfuno zabemi nezabasebenzi.

URhulumente weNtshona Koloni

EzoLimo